URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Gavin de Bruyn
ICandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute*
(kubandakanywa i-EDULIS)
Gavin.debruyn@westerncape.gov.za | 021 900 5053

Inombolo yefayili: 23/2/13/1Teacher Development Courses and Webinars
Isalathiso: 20220309-526

INgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute*: 0004/2022

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zamaCandelwana namaCandelo (kwaNdlunkulu), kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeziFundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente

Isihloko: Iikhosi neewebhina zophuhliso lobuchule bootitshala eziya kwenziwa *e-Cape Teaching and Leadership Institute* ngo-2022

1. KwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute* 0007/2021, yomhla we-13 Disemba 2021, i-*Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI),* kwazisa ukuba, iya kuba iqhuba kwakhona iikhosi neewebhina (*webinars*) zophuhliso lobuchule bootitshala, iinkomfa neesemina ezivunywe yi-*SACE,* kwiinqununu, kumasekela-nqununu, kwiintloko zamacandelo ezifundo nakootitshala, nokuba kungethuba leekota zezikolo okanye ngeeholide zezikolo.

2. Kwaye kwachazwa nokuba ngenxa yokungakwazi ukuqikelela ifuthe le-*COVID-19* ngo-2021 nango-2022, kuphela ziikhosi zekota 1 eziya kufumaneka yaye imbalelwano engaphezulu iya kulandeliswa ukunika inkcazo ngeekhosi ezifumanekayo kwikota 2 no-3.

3. Le ngcaciso imfutshane yenzelwe ukwazisa izikolo nootitshala ngeekhosi neewebhina zophuhliso lobuchule bootitshala ze-*CTLI* ezifumankeyao kwikota 2 no-3 (isiHlomelo A.1).

4. Zonke iikhosi neewebhina eziya kuqhutywa yi-*CTLI* kwikota 2 no-3 ziya kwenziwa zifumaneke kwiziko lewebhu le-*CTLI*: www.wcedctli.co.za ungadlulanga owe-20 Matshi 2022.

5. Ootitshala abanomdla wokuya kwezi khosi mababhalise ngokusebenzisa iziko lewebhu le-*CTLI* (inkqubo yokungena nokubhalisa icaciswe kwisiHlomelo B).

6. Iikhosi zinokuqhutywa ngeendlela ezahlukeneyo yaye ziya kubandakanya iinkqubo zokuqhutywa kwekhosi bekhona ootitshala ubuso ngobuso, ezidibanisa ukubakho kootitshala ubuso ngobuso nokuqhutywa kusetyenziswa ikhompyutha *(online engagements)*. Indlela ekuqhutywa ngayo efanelekileyo ibonisiwe kwisiHlomelo A.1.

7. Apho iikhosi ziya kwenziwa bekhona ootitshala ubuso ngobuso, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) liya kuqesha ootitshala ababambeleyo ngethuba lokuqhubeka kweekhosi eziya kuhanjwa ngootitshala e-*CTLI* ngethuba leekota zezikolo, ngokuxhomekeke ekubeni:

- akukho titshala ungaphezu kwemfuneko esikolweni;
- utitshala akangotitshala ohlawulwa libhunga lolawulo; kunye/okanye
- utitshala akasebenzi ngoku njengobambele omnye utitshala.

8. Ngumsebenzi oluxanduva lwesikolo ukufumana nokutyumba utitshala obambeleyo ofanelekileyo ukulungiselela utitshala oya kwikhosi.

9. Ngootitshala abayi-50 kuphela abaya kubhaliswa kwindlela yokuqhutywa kwekhosi kootitshala bekhona ubuso ngobuso kwikhosi nganye kweziqhutywayo ngekota yesikolo.

10. Ukufumana ingcaciso engaphezulu ngokumalunga neekhosi zongenelelo ngoncedo ze-*CTLI* zekota 2 no-3, kucelwa ungathandabuzi ukuqhagamshelana naba baququzeleli beprogram ye-*CTLI* balandelayo:

Igama	**Inombolo yefoni**	**Inombolo yefeksi**	**I-imeyili**
Iikhosi ii-*School Management and Leadership Development courses* ne-*Professional Development activities*			
Tamaryn Petersen	021900 5035	021900 5114	Tamaryn.Petersen@westerncape.gov.za
Brandon Jantjies	021900 5029	021900 5114	Brandon.Jantjies@westerncape.gov.za
Iikhosi zeSigaba seSiseko			
Magdalena Benn	021900 5016	086 6145151	Magdelena.Benn@westerncape.gov.za
Iikhosi zeSigaba esiPhakathi nesiPhakamileyo			
Natasha Fouché	021900 5018	086 4436276	Natasha.Fouche@westerncape.gov.za
Iikhosi zeMfundo eBandakanya bonke aBafundi			
Liesl Robinson	021900 5020	021900 5013	Liesl.Robinson@westerncape.gov.za
Ii-*ICT Integration interventions*			
Christo Davids	021900 5021	086 7316833	Christo.Davids2@westerncape.gov.za

11. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2022-03-24